



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBA 2015**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P3**

**AMANQAKU:** 100

**IXESHA:** 2½ iiyure



\* X H O H L 3 \*

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A: Isincoko (50)  
ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

QAPHELA: Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo ibe miBINI kwi CANDELO B.

2. Phendula umbuzo omNYE kwiCANDELO A nemibuzo ibe miBINI kwiCANDELO B.
3. Bhala ngolwimi obuzwe ngalo.
4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba uwucwangcise umsebenzi wakho (umzekelo: imephu yeengcinga/umzobo/imizobo ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njalo-njalo), wandule ukuwufundiswa uwuhlele. Kunyanzelekile ukuba uyilo LUKHOKELE isincoko nemihlathi.
6. Kunyanzelekile ukuba zonke izicwangciso zakho uzibhale ngokucacileyo. Kuyacelwa ukuba ukrwele umgca kuyilo ngalunye.
7. Uyacetyiswa ukuba icandelo ngalinye ulabele ixesha ngolu hlobo:  
ICANDELO A: imizuzu engama-80  
ICANDELO B: imizuzu engama-70
8. Nombola iimpendulo ngendlela izihloko ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
9. QAPHELA: Awabalwa amagama akwisihloko xa kubalwa amagama asetyenziswe kwisincoko nakumhlathi.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: ISINCOKO**

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko.  
Bhala amagama angama – 340 ukuya kuma – 390 kwisincoko ngasinye.

**UMBUZO 1**

- |     |  |      |
|-----|--|------|
| 1.1 | Loo mini ndanga ndingathi vuleka mhlaba ndingene!                                    | [50] |
| 1.2 | Isithokothoko sobumnyama sandulela ukukhanya.  | [50] |
| 1.3 | Izinto ezinokwenziwa luluntu noRhulumente ngentswela – ngqesho nolwaphulo – mthetho. | [50] |
| 1.4 | Ikamva lakho lisezandleni zakho.   | [50] |
| 1.5 | Izinto ezinokwenziwa ngumfundu ukuze aphumelele iimviwo zakhe.                       | [50] |
| 1.6 | Iphulo leSebe lezeMfundu lokufundisa ngeeholide ukuzama ukuphucula iziphumo.         | [50] |
| 1.7 | Bhala isincoko ngomfanekiso ongezantsi uze usinike isihloko esifanelekileyo.         |      |



[50]

- 1.8 Bhala isincoko ngomfanekiso ongezantsi uze usinike isihloko esifanelekileyo.



[50]

**AMANQAKU ECANDELO A:** 50

**ICANDELO B: IMIHLATHI**

Abaviwa kulindeleke ukuba bakhethe imibuzo ibe miBINI kweli candelo. Bhala amagama ali–100 ukuya kwali – 120 (umxholo kuphela) ngomhlathi owukhethileyo.

**UMBUZO 2****2.1 ILETA YASEBURHULUMENTENI**

Bhalela umphathi – posi wengingqi yakho ucele isingxungxo sethutyana. [25]

**2.2 I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari yomntu obuye esingcwabeni sakhe. [25]

**2.3 INTETHO**

Bhala intetho eya kubafundi ubanqanda ngokuphatha izikhali ezinobungozi esikolweni. [25]

**2.4 IRIVYU**

Bhala irivyu ngenye yeencwadi obuzifunda kwibanga le – 11. [25]

**2.5 UDLIWANO – NDLEBE**

Yenza udliwano – ndlebe phakathi kwesibini esisandula kutshata kwingingqi yakho. [25]

**2.6 INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo phakathi komfundisi wezakwalizwi kunye nommeli wabantu besini esinye abathandanayo. [25]

**AMANQAKU ECANDELO B: (2 x 25) 50  
AMANQAKU EWONKE: 100**





